



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBA 2014

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO P3
IMEMORANDAM**

AMANQAKU: 100

Le memorandam inamaphepha ali – 12.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

1.1 Oko ndingazange ndife ngaloo mini ndiyayibulela iNkosi.

Isincoko esibalisayo/esicamngcayo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma:

- Isiganeko esambeka kwimeko yokusinda ekufeni.
- Indlela ekwenzeka ngayo.
- Ukusinda kwakhe, konke okwenzekayo ukuze asinde.
- Umbulelo wakhe eNkosini.
- Nezinye.

[50]

1.2 Uthando.

Isincoko esichazayo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma:

- Achaze ukuba yintoni uthando.
- Ukubaluleka kothando.
- Lusebenza njani.
- Ukungabikho kwalo.
- Iziphumo zothando.
- Nezinye.

[50]

1.3 Bagcinwe okanye bangagcinwa ezikolweni abantwana abaphatha kakubi abanye.

Isincoko esixoxela amacala omabini.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma:

- Benza ntoni abantwana abaphatha kakubi abanye.
- Ukuba bayagcinwa, bagcinwa phantsi kweziphi izizathu, umz; amalungelo abo.
- Ukuba abagcinwa, abagcinwa phantsi kweziphi izizathu; umz; imithetho, amalungelo abanye.
- Nezinye.

[50]

1.4 Ukubaluleka kwezakhono ekukhuliseni uqoqosho lwelizwe.

Isincoko esichazayo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma:

- Zezifhi izakhono ezibalulekileyo ekukhuliseni uqoqosho.
- Indima enokudlalwa ngurhulumente ekupuhhliseni ezo zakhono.
- Izinto ezinokwenziwa ukuze uluntu lube nomdla wokulandela ezo zakhono.
- Nezinye.

[50]

1.5 Ingaba kulungile na ukuba abaqhubi baqhube besebenzisa iiselula-fowuni?

Isincoko esixoxayo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma:

- Makaqaqambise icala elo lingoluvo lwakhe alioxele kuvokothake.
- Kutheni ungenakuqhuba/unokuqhuba usebenzisa iselula-fowuni.
- Zinto zini onokugaxeleta kuzo/ezingaluncedo.
- Kwenziwe ntoni kumntu ofunyenwe esebeenzisa iselula-fowuni eqhuba.
- Nezinye.

[50]

1.6 Eyona holide endayonwabelayo.

Isincoko esibalisyao/ esicamngcayo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma:

- Yayichithelwe phi iholide, nini?
- Izinto ezimonwabisileyo.
- Ayithelekise nezinye iiholide aveze ukuba kutheni le iyeyona wayonwabelayo kunezinye.
- Nezinye.

[50]

1.7 Jonga le mifanekiso ingezantsi uze ubhale isincoko. Sinike isihloko isincoko eso.

1.7.1 Isincoko esibalisyao/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala omabini/ esicamngcayo.

- Umfundi unokubonisa ukukwazi ukusinga.
- Unokudibonisa umfanekiso namava akhe okanye ulwazi analo oluthile.
- Ukhokhelwa ngumfanekiso ukuxhokonxa iingcinga.
- Makanike isihloko sesincoko.
- Angabonisa ukuphathwa kakubi kwemikhombe.
- Zizilwanyana ezibunqaba emazilondolozwe.
- Ukukhulisa kwazo ezoqoqosho.
- Nezinye.

[50]

1.7.2 Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacula omabini/esicamngcayo.

- Umfundu unokubonisa ukukwazi ukucinga.
- Unokudibanisa umfanekiso namava akhe okanye ulwazi analo oluthile.
- Ukhokhelwa ngumfanekiso ukuxhokonxa iingcinga.
- Makanike isihloko sesincoko.
- Uhambo ngeGautrain.
- Ukukhula kwezothutho eMzantsi Afrika.
- Izinto ezenziwa yithekhnoloji.
- Nezinye.

[50]

UKWAKHIWA KWEENDIDI ZEZINCOKO

Isincoko esibalisayo

Makwaziswe abalinganiswa nesimo sentlalo/iziganeko ezikhokhelela kwimpixano, isisombululo nesiphelo/sibhalwe kumntu wokuqala okanye wesithathu/kusetyenziswe ixesha eladlulayo/iziganeko zichazwe ngokulandelelana kwazo/izidibani ezibonisa ixesha/intetho yababini/ukuzithethela kwabalinganiswa/ulwimi olusetyenziselwe ukudala ifuthe kumfundi, umz; izihlomelo,izichazi, imifanekiso-ntekelelo.

Isincoko esicamngcayo

Uvakalelo lombali ngomba othile maluvele/uvakalelo olungundoqo ludlala indima enkulu/ubukhulu besincoko bungaba sisichazi/izimelabizo zoqobo ezisebenzisa umntu wokuqala/isigama esiveza ulovo lwakhe nemvakalelo yakhe.

Isincoko esichazayo

Masichaze into ngendlela evakalayo/sinokubhalwa ngokwexesha elidlulileyo okanye elangoku/kusetyenziswe amagama adala umfanekiso wokuchazwayo/kusetyenziswe izichazi nezhlomelo/kusetyenziswe imifanekiso ntelekelelo nezafobe.

Isincoko esivelela amacula omabini

Masinike ingxoxo engezimvo ezahlukaneyo/ukuxoxela okuthile nokunika ubungqina obuxhasayo/ukuxoxela okuthile uchasa nokunika ubungqina obuchasayo/isiphelo-isishwankathelo neengcebiso/sikwixesha langoku/isizathu,unobangela/ifuthe,izibandakanyi/izinxibeelanisi ngokulandelelana kwazo/intshukumo esukela kokuqhelekileyo ukuya kokuntsokothileyo.

Isincoko esixoxayo

Masioxele icala elithile okanye ulovo oluthile ukuzama ukulukuhla umfundi/uthotho lweengxoxo- oludla ngokuba kwimo engengcaciso ngeengongoma ezithile/ ukubethelela-isishwankathelo nokuphindelala kwinkcazelengolovo oluthile lokuvala/kwixesha langoku/ugxininiso lokuqala lukubathathi nxaxheba gabalala/isizathu, unobangela/ifuthe, izibandakanyi/izinxibeelanisi ngokulandelelana kwazo.

AMANQAKU CANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

UMBUZO 2

2.1 ILETA ESESIKWENI

Fundiswa esi sibhengezo singezantsi somsebenzi uze ubhale ileta yesicelo salo msebenzi.

Okulindelekileyo kumfundi:

- Idilesi yombhali, umhla, idilesi yomamkeli, isibuliso- *umz*; *Mhlekazi obekekileyo*
- Umcimbi.
- Isakhiwo somyalezo singqamane nokucela umsebenzi ngokwesibhengezo ebésinikiwe.
- Isimbo sibe sesisekwensi.
- Umyalezo ucace gca.
- Ibe mfutshane kwaye ithi ngqo emxholweni.
- Isiphelo sifaneleke- *umz*; *Ozithobileyo*.
- Intsayino-gama.

[30]

2.2 INGXELO

Ningabafundi bebanga leshumi elinesibini benikhutshwe sisikolo natyelela kweyona ndawo intle eMzantsi Afrika. Bhala ingxelo malunga nohambo olo lwenu beniluthabathile.

Okulindelekileyo kumfundi:

- Mayibhalwe ngexesha elidlulileyo, kusetyenziswe ingxelo-ntetho.
- Kusetyenziswe izihlokwana ngohambo olo.
- Lingongoma ekuthethwa ngazo mazinike ulwazi ngeendawo ebezityelelw.
- Mayibe negama lombhali wayo aze asayine.
- Umhla ebhalwe ngawo mawuvele.

[30]

2.3 INQAKU LEPHEPHANDABA

Bhalela iphephandaba lengingqi yakho inqaku ngomba othe wakuchukumisa kwindawo ohlala kuyo.

Okulindelekileyo kumfundi:

- Isihloko masicace sivakale, songezwe nangezihlokwana xa kukho imfuneko.
- Makualwe ngokubalulekileyo, *umz*; ngubani, yintoni, nini, phi.
- Mawuchazwe ngokufutshane umba ekubhalwa ngawo ucace gca.
- Umyalezo ugqithiswe ngokuvakalayo.
- Kushwankathelwe ngokucacileyo ingaggwethwa inyaniso.
- Ulwimi lucace luthi gca, kusetyenziswe umntu wesithathu.
- Kungasetyenziswa izixando kuxhomekeka kugqaliso kwaye nakweyona nto icela umngeni kumfundi wenqaku.
- Malibandakanye ucaphulo, iintetho, izimvo neembono ezivela ebantwini ababandakanyekayo okanye iingcaphephe kwisihloko eso.

[30]

2.4 INGXOXO YABABINI/IDAYALOGU

Kusemdlalweni wombhoxo wamaqela esizwe, kudibana abahlobo ekudala begqibelene bancokola ngeqela eliza kuphumelela umdlalo. Ngulowo uthethelela elakhe. Baveze bexoxa abahlobo abo.

Okulindelekileyo kumfundu:

- Amagama abalinganiswa mawabhalwe ekhohlo kwiphepha kusetyenziswe iikholoni emva kwegama lomlinganiswa othethayo.
- Umxholo ube ngomdlalo wombhoxo walo maqela.
- Umlinganiswa ngamnye alimele iqela lakhe.
- Lingcebiso kubalinganiswa okanye ukwenza intshukumo ethile makuboniswe kwizibiyeli phambi kwentetho.
- Kuqukunjelwe ngendlela efanelekileyo.

[30]

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

UMBUZO 3

3.1 ISIBHENGEZO-NTENGISO

Uvule ivenkile yeziqholo zomzimba, yenza isibhengezo-ntengiso ngeziqholo ezifumaneka kwivenkile yakho.

Okulindelekileyo kumfundi:

- Makasebenzise ubungcaphephe bokwenza isibhengezo-ntengiso.
- Masiyilwe ngendlela etsala ilihlo nengalibalekiyo engqondweni.
- Kusetyenziswe izafobe nezigaba zentetho ezidala ifuthe zenze nolwimi iuhlale lukhumbuleka, umz; isikweko, isifaniso, uphindaphindo, imfanozandi, isingqisho, isingqi.
- Uyilo nolwimi malwenze umthengi aqonde ukuba akanakuphoswa ziziqholo zomzimba zale venkile.

[20]

3.2 UNGENISO KWIDAYARI

Uququzelela ikhonsathi yeemvumi ezaziwayo eza kubanjelwa kwibala lebhola iMoses Mabhida eThekwini. Bhala kwidayari yakho ngentsuku eziNTLANU ngezinto oza kuzenza phambi kokuba ibe lusuku lwale khonsathi.

Okulindelekileyo kumfundi:

- Inokubhalwa kwincwadi ekhethekileyo(idayari/ijenali), oko kuboniswa ephepheni ngefomathi.
- Ibhala ngokungekho sesikweni.
- Umbhali uyazibhalela ebhala izinto aza kuzenza kwezo ntsuku zintlanu ezimalunga nekhonsathi.
- Usenokubhala ngale mini agqibe ngayo into ethile ukuba iphumelele okanye ayiphumelelnga.

[20]

3.3 UMYALELO

Ungukhapterni weqela lakho lomdlalo(nokuba yintenetya, umbhoxo, iimbaleki njalo-njalo) niza kuba nokhuphiswano nesinye isikolo. Yalela iqela lakho ngendlela eniza kudlala ngayo kolo khuphiswano.

Okulindelekileyo kumfundi:

- Imiyalelo mayicace.
- Kusetyenziswe isiyaleli ubukhulu becalo, imo evumayo.
- Ingasetyenziswa imo elandulayo kodwa hayi kakhulu.
- Abadlali banganikwa amacebo ngezinto ezilindeleke kubo phambi kokuba badlale umz; ukuphumla ngosuku oluphambi kokudlala balale ngokwaneleyo, ukuzolula phambi komdlalo, ngethuba bedlala, awokuziphatha xa kudlalwa.

- Emabakwenze emva kokudlala; umz; ukubulela kusompempe nakubadlali beso sikolo bebedlala naso.
- Ukuzolula emva komdlalo.
- Nezinye.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100

QAPHELA:

- Sebenzisa le rubriki rhoqo xa umakisha izincoko (Zephepha lesi-3, ICANDELO A).
- Amanqaku ukusukela kweli-0 ukuya kwangama-50 ahlulahlulwe ngokwamanqanaba amahlanu aphambili.
- Kwiikhayitheriya yoMxholo, ULwimi NeSimbo, inqanaba ngalinye kula mahlanu lahlulahlulwe lanomgangatho ongentla nongezantsi yanemimandla yamanqaku ahabelana nomgangatho ngamnye.
- Ikhayitheriya yeSakhiwo yona ayichaphazeleki ngumgangatho ongentla nongezantsi.

ICANDELO A: IRUBHRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO [50]

Ikhayitheriya		Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetebhetye
UMXHOLO NOCWANGCISO (Impendulo nezimvo) Ukubekelela izimvo ngenjongo yokucwangcisa Ukubonakalisa ukuyazi injongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko 30 AMANQAKU	Umgangatho ongentla	27–30	22–23	15–17	9–11	3–5
		<p>-Impendulo ebalaseleyo enomtsalane, ngaphaya kobekulidelekile</p> <p>-Izimvo zihlakaniphile, zikhokonxa iingcinga kwaye zinemfezeko</p> <p>-Isincoko sibekelelwe ngobuchule obungahelekanga kwaye intshayebolelo, isiqu kwakunye nesiphezo zibonakalisa unamathelwano olunemfezeko</p>	<p>-Impendulo ixonxwe ngobugcisa obukhulu</p> <p>-Izimvo zinxulumene nomxholo kwaye zinika umda, bukho ubungqina bemfezeko kwizimvo</p> <p>-lingcamango zibekelelwe ngokwakhelanayo kuquka intshayebolelo, isiqu nesiphezo</p>	<p>-Impendulo iyanelisa ngokupheleleyo</p> <p>-Izimvo ziyanamathelana noko kwaye zingakuguqula ukucinga kofundayo</p> <p>-lingcamango zibekelelwe ngokunamatheleneyo kuquka intshayebolelo, isiqu nesiphezo</p>	<p>-Impendulo ingena iphuma emxholweni akukho lunamathelwano kwizimvo</p> <p>-Izimvo azicacanga kwaye ezinye zazo zezemboleko</p> <p>-Buncinci kakhulu ubungqina bobekelelo nonamathelwano lweengcamango</p>	<p>-Impendulo ayikho mxholweni konke konke</p> <p>-Izimvo zibondene azigqalanga ntweni</p> <p>-Azivakali izimvo kwaye ziyaphindaphindwa/ uthetha into enye</p> <p>-lingcamango zibekwe xazalala azinalunxibelewano</p>
	Umgangatho ongezantsi	<p>24–26</p> <p>-Impendulo encamisileyo kodwa akukho zimpawu zakubalasela kubhekele phi kwisincoko</p> <p>-Izimvo zivuthiwe zikhokonxa iingcinga</p> <p>-lingcamango zibekelelwe zandindaniswa ngobugcisa kuquka intshayebolelo, isiqu kunye nesiphezo</p>	<p>18–21</p> <p>-Impendulo ixonxwe ngobugcisa</p> <p>-Izimvo zisemxholweni kwaye zinika umda</p> <p>-Sibekelelwe ngobuchule, kukho ukunamathelwana kweengcamango okuquka intshayebolelo, isiqu nesiphezo</p>	<p>12–14</p> <p>-Impendulo iyanelisa nangona kumana kubakho ukungacaci kwiindawo ezithile</p> <p>-Kukho ukunamathelwana okubonakalayo kwizimvo kwaye kuyanelisa</p> <p>-Kukho ukubekelelwa kweengcamango nonamathelwano kwintshayebolelo, isiqu nesiphezo</p>	<p>6–8</p> <p>-Impendulo iphumile emxholweni ubukhulu becalo</p> <p>-Izimvo ziyaqhawu-qhawuka ziyabhidisa</p> <p>-Buyanqaphazeka ubungqina bokubekelaka kweengcamango nonamathelwano</p>	<p>0–2</p> <p>-Impendulo itenxile malunga nomxholo</p> <p>-Izimvo zitenxile zingcwecwela kude nomxholo</p> <p>-lingcamango ziyingxubevange engenamgqalisela</p>

IRUBRIKI YOKUHLOLA IZINCOKO – ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO [50 AMANQAKU] (continued)

Ikhayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
ULWIMI, ISIMBO & NOKUHLELA Ukuhambelana kwethoni, irejista, isimbo, isigama kanye nemeko Ukhetho-magama Ukusetyenziswa kolwimi nesigama limpawu zobhalo, izakhi zezivakalisi, nopolu 15 AMANQAKU	14–15 Umgangatho ongentia -Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene ngokuggwesileyo nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Ulwimi lusetyenziswe ngokuzithemba, luyathabathekisa -Ithoni enomtsalane nezafobe zentetho eziphumeza injongo -Phantse kube akukho nasinje isiphene solwakhiso zivakalisi, upelo, nokusetyenziswa kolwimi -Sixonxwe ngobugcisa obukhulu	10–11 Umgangatho ongentia -Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Ulwimi luchaneke ngakumbi kwaye ithoni isetyenziswe ngokuchaneka kwisincoko siphela -Iziphene zokusetyenziswa kolwimi nopolu zinqongophele -Sixonxwe ngobugcisa obukhulu	6–7 Umgangatho ongentia -Ithoni, irejista, isimbo, isigama azifanelananga ncama nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Ulwimi lusetyenziswe olufanelekileyo ludlulisa umyalezo -Ithoni ifanelekile -Izafobe zentetho zinonga umxholo	2–3 Umgangatho ongentia -Ithoni, irejista, isimbo, isigama asifanelananga kwaphela nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Ulkunqongophala kwesigama kubaxe kile kangangokuba ayinasihlahla into ebhaliweyo	0
ISAKHIWO limpawu zetekisi Ukuhula kwemihlathi nokwakhwa kwezivakalisi 5 AMANQAKU	12–13 Umgangatho ongentia -Ulwimi luchanekile kanye nezafobe zisetyenziswe ngethoni ephumeza ukudlulisa umyalezo -Phantse kube akukho nasinje isiphene solwakhiso zivakalisi, upelo, nokusetyenziswa kolwimi -Sixonxwe ngobugcisa obukhulu	8–9 Umgangatho ongentia -Ulwimi lunomtsalane kwaye luyaziphumeza iinjongo zokubhala -Ithoni ifanelekile kwaye iyaziphumeza iinjongo zokubhala -Zimbalwa iziphene zezakhi zezivakalisi kanye nopolu -Sixonxwe ngobugcisa	4–5 Umgangatho ongentia -Kuyanelisa ukusetyenziswa kolwimi kodwa asekho amakhwiniba -Ithoni ifanelekile kodwa izafobe zentetho ezisetyenzisiweyo zinqongophele	0–1 Umgangatho ongentia -Ukusetyenziswa kolwimi kubonisa ububhetyebhetye -Izivakalisi zinobuthathaka-azitshintsha-tshintshwa -Isigama sinqongophele ngokubalaseleyo	
UMMANDLA WAMANQAKU	5 Isihloko sikhuliswe ngokuncamisayo -linkcukacha zibalasele ngokungaqhelekanga -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe zaqiqiswsa ngokuggwesileyo	4 -linkcukacha ezinengqiqo zikhuliswe ngokwakhelanayo -Izimvo zinamathelene -Izivakalisi, imihlathi zitshintshatshintshwa ngobuchule obuqiqisisiweyo	3 -linkcukacha ezisemxholweni zikhuliswe -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kuhle -Isincoko sibunjwe ngengqiqo	2 -Zikho iingcamango ezamkelekileyo -Isakhiwo sezikavakalisi nesemihlathi sinamakhwiniba -Isincoko sisenayo ingqiqo	0–1 -lingcamango ezifunekayo zinqongophele -Isakhiwo sezikavakalisi nesemihlathi sigxoko-gxoko -Isincoko asinangqiqo
	40–50	30–39	20–29	10–19	0–9

IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHI EMIDE – ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO [30 AMANQAKU]

Ikhayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI Ukungqala kwempendulo nezimvo Ukuqoqwa kwezimvo ngenjongo yokucwangcisa Injongo yokubhala, abo kujoliswe kubo, iimpawu/imigaqo yetekisi, kanye nemeko 18 AMANQAKU	16–18 -Impendulo igqwesile idlule okuqhelekileyo -Izimvo ziqaqisisiwe kwaye zivuthiwe -Luphangalele ulwazi Iweempawu zolu didi Iwetekisi -Umsebenzi ungqalile uhleli emxholweni -Kukho ukunamathelana kwizimvo nomxholo -lingcamango zidakancwe ngobunono zonke iinkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ifanelekile kwaye ichanekile	13–15 -Impendulo ibonakalisa ukuchaneka kanobom ulwazi olunzulu Iweempawu zolu didi Iwetekisi -Ingqalile ayiphumi nasemxholweni -Izimvo zixonxwe zadakancwa ngokunamatheleneyo kumxholo nezimvo -linkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ifanelekile ineendawana ezingachanekanga ezingephi	9–12 -Impendulo iyanelisa ibonakalisa ulwazi Iweempawu zolu didi Iwetekisi -Izimvo ziyaphuma emxholweni kwaye kukho nokugqwidiza -Ukunamathelana kumxholo nezimvo kufanelekile -Ezinye iinkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ifanelekile kodwa kusekho ukungachaneki	6–8 -Impendulo ibonakalisa ulwazi olungephi Iweempawu zolu didi Iwetekisi -Zimbalwa izimvo ezisemxholweni kodwa kuninzi ukuphuma ecaleni -Kunqabile ukunamathelana komxholo nezimvo -Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko -Imigaqo yefomathi ephambili isetyenziswe ngokungaqondi -Kutyeshelwe izinto ezininzi	0–5 -Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi Iweempawu zolu didi Iwetekisi -Intsingiselo ilahleka rhoqo ide iphume emxholweni -Akukho ukunamathelana kumxholo nezimvo -Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko -Imigaqo eyimfuneko yobhalo Iwale tekisi ityeshelwe
ULWIMI ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA Ithoni, irejista, isimbo, isigama zihambelana kakhulu nenjongo nabo kujoliswe kubo kanye nemeko -Izakhi zezivakalisi zisetyenziswe ngokuchanekileyo -Phantse kube akukho nasinye isiphene 12 AMANQAKU	10–12 -Ithoni, irejista, isimbo, isigama zihambelana kakhulu nenjongo nabo kujoliswe kubo kanye nemeko -Izakhi zezivakalisi zisetyenziswe ngokuchanekileyo -Phantse kube akukho nasinye isiphene	8–9 -Ithoni, irejista, isimbo, isigama sichaneke kakhulu malunga nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Izakhi zezivakalisi zichanekile kwaye umyalezo wakheke kakuhle -Isigama sichanekile -Ubukhulu becala akukho zimpazamo	6–7 -Ithoni, irejista, isimbo, isigama sihambelana nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kwakunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zibonakalisa iimposiso -Isigama siyanelisa -Impazamo zobhalo ezikhoyo aziyiphazamisi intsingiselo nomyalezo	4–5 -Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azingqamani nenjongo kwakunye nabantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Izakhi zezivakalisi zineemposiso ezininzi eziphazamisa umyalezo -Sinqongophele isigama -Kukho amagingxi-gingxi kwintsingiselo	0–3 -Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azingqamani nenjongo,imeko kwakunye nabantu ekujoliswe kubo -Izele ziimpazamo ixazalala -Isigama asifanelananga nenjongo -Intsingiselo ilahleke kakhulu
UMMANDLA WAMANQAKU	24–30	18–23	14–17	6–13	0–5

IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHI EMIFUTSHANE – ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO [20 AMANQAKU]

Ikhayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubheteyebhetye
UMXHOLO UKUCWANGCISA NEFOMATHI Impendulo nezimvo Ukubekelwelwa kwezimvo limpawu zetekisi/ umgaqo kanye nemeko 12 AMANQAKU	9–12 -Impendulo igqwesile ibonisa ukuqiqisiswa kwezimvo -Izimvo zihlakaniphile kwaye zivuthiwe -Luphangalele ulwazi Iweempawu zolu didi lwetekisi -Umsebenzi ungqalile akukho kugqwidiza -Kubonakala ukunamathelana kwizimvo nomxholo -lingcamango zidakancwe ngobunono kwaye zonke iinkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ifanelekile kwaye ichanekile	7–8 -Impendulo ibonakalisa ukuchaneka kanobom ulwazi olunzulu Iweempawu zolu didi lwetekisi -Ingqalile ayiphumi nasemxholweni -Izimvo zixonxwe zadakancwa ngokunamatheleneyo kumxholo nezimvo -linkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ingqalile iindawana ezikhoyo ezingachanekanga aziyiphazamisi injongo yokubhala	5–6 -Impendulo iyanelisa ibonakalisa ulwazi Iweempawu zolu didi lwetekisi -Izimvo azisoloko zisemxholweni kwaye kukho nokugqwidiza -Ukunamathelana kumxholo nezimvo.kwenzeka ngokufanelekileyo -Ezinye iinkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ingqalile kodwa zikho iindawana ezingachanekanga	3–4 -Kubonakala ubunzima malunga nolwazi Iweempawu zolu didi lwetekisi -Zimbalwa izimvo ezisemxholweni kodwa kuninzi ukuphuma ecaleni -Kunqabile ukunamathelana komxholo nezimvo -Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko -Imigaqo yefomathi ephambili ityeshelwe okanye isetyenziswe ngokungaqondi	0–2 -Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi Iweempawu zolu didi lwetekisi -Intsingiselo ilahleka rhoqo kukho Intsingiselo iduke kwisakhilo esixazalala -Akukho ukunamathelana kumxholo nezimvo -Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko -Imigaqo eyimfuneko yobhalo Iwale tekisi ityeshelwe
	7–8	5–6	4	3	0–2
ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene kakhulu nenjongo, abo kujoliswe kubo kanye nemeko -Izakhi zezivakalisi zisetyenziswe ngokuchanekileyo -Phantse kube akukho nasinye isiphene 8 AMANQAKU	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene kakhulu nenjongo, abo kujoliswe kubo kanye nemeko -Izakhi zezivakalisi zichanekile kwaye umyalezo wakheke kakuhle -Isigama sichanekile -Ubukhulu becalal azikho iimpazamo	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kwakunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zibonakalisa iimposiso -Isigama siyanelisa -limpazamo zobhalo ezikhoyo aziyiphazamisi intsingiselo	-Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azifanelananga nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Izakhi zezivakalisi zineemposiso ezinanzi eziphazamisa umyalezo -Sinqongophele isigama -Kukho amagingxi-gingxi kwintsingiselo	-Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azifanelananga nenjongo,imeko kwakunye nabantu ekujoliswe kubo -Izele ziimpazamo ixazalala iyadida -Isigama asihambelani nenjongo -Intsingiselo ilahlekile kakhulu	
UMMANDLA WAMANQAKU	16–20	13–15	9–12	6–8	0–5

